URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Devigi Pillay**
ICandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo
Devigi.Pillay@westerncape.gov.za | 021 467 2477

Inombolo yefayili: 3/3/R
Isalathiso: 20231113-9711

ISetyhula: 0033/2023
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isishwankathelo esifutshane: *Amatheko okuphela konyaka namathuba okukhululwa emsebenzini ngo-2023.*

**ISihloko: Amatheko okuphela konyaka namathuba okukhululwa emsebenzini kubaqeshwa bakwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili ngo-2023**

1. Ukungqinelana nesikhokelo samasebe ngamasebe esimalunga namatheko okuphela konyaka, iKomiti yeSigqeba soLawulo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni imisele esi sikhokelo silandelayo:

1.1 Abaqeshwa baya kuvunyelwa ukuba baye kwitheko **elinye** lokuphela konyaka ngethuba lonyaka leeholide nolonwabo.

1.2 Ngokumalunga neendleko, abaqeshwa kuya kufuneka bazihlawulele iindleko zabo zamatheko okuphela konyaka.

1.3 Itheko lokuphela konyaka linokuba lulo naluphi na uhlobo kodwa **alinakuqala phambi ko-11:00.** Abaqeshwa banokugoduka kanye ngqo emva kwetheko elo.

1.4 Izithuthi ze-*Government Garage* **azinakusetyenziselwa le njongo** njengoko abasebenzi beya kuthathwa ngokuba **abakho msebenzini** ngethuba letheko elo.

1.5 Ngelishwa, akukho zicelo zizezinye ziya kuvunywa ezimalunga nethuba lokukhululwa ukuya kuthengela iKrismesi okanye ukuya kumanye amatheko.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

1.6 Kukwabalulekile ukuba kwenziwe amalungiselelo amatheko okuphela konyaka ngokubambisana nabaphathi bamacandelo *(line managers)* abachaphazelekayo (abakwinqanaba labalawuli) yaye iintloko zamacandelo mazenze amalungiselelo ayimfuneko ukubonelela ngeenkonzo ezibalulekileyo ukuqinisekisa ukuba iyaphendulwa yonke imibuzo.

2. Abaqeshwa abayayo kula matheko okuphela konyaka bayacelwa ukuba babenenkathalo, yaye bakhuseleke ngokunjalo. Nibe nexesha elimyoli.

3. Niyacelwa nazise ngokuqulethwe yile setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-11-21